KWAZULU-NATAL
LEGISLATURE

AN ACTIVIST PEOPLE-CENTRED LEGISLATURE

[No. 24/2021] ISESHONI YESITHATHU, INDLU YOWISO-MTHETHO YESITHANDATHU

= = = = = = = = = = =

IZIBHENGEZO, IZIPHAKAMISO KUNYE NEENGXELO ZEKOMITI

= = = = = = = = = = =

NGOLWESIHLANU UMHLA WE-10 KWEYOMNGA 2021

INTLANGANISO EBANJWA NGOBUXHAKAXHAKA BE-INTANETHI: 08H00

1. UMTHANDAZO (Yinto yokuqala edweliswe kuLuhlu lweNkqubo)

   Ixesha lokuthandaza okanye lokucamngca ngokuthe cwaka.

2. IMIPHANGA (Yinto yesibini edweliswe kuLuhlu lweNkqubo)

   2.1 Iofisi kaSomlomo ixelela amaLungu nabasebenzi ngokusweleka kwaba bantu balandelayo:

   To be inserted

Siyavelana kakhulu nezizalwane, izihlobo noogxa babo bonke abo basishiyileyo.

- Onke amaxhoba obundlobongela obujoliswe kwisini nawolwaphulo-mthetho olwenziwa ngenxa yenzondo;

- Onke amaxhoba eengozi zendlela kweli phondo; kunye

- Nabo bonke abemi beloMzantsi Afrika abasandul'ukusweleka ngenxa yeengulo ezinxulumene nobhubhane iCovid 19.

Ndiyacela kuni nonke maLungu abekekileyo okokuba khe sinik'imbeko kwaba bantu basishiyileyo.

Yanga imiphefumlo yabo ingaphumla ngoxolo.

3. IZIBHENGEZO (Yinto yesithathu edweliswe kuLuhlu lweNkqubo)

3.1 IMITHETHO YOKUBAMB'INTLANGANISO NGOBUXHAKAXHAKA BE-INTANETHI KUNYE NOKUVOTA

Amalungu abekekileyo ayakhunjuzwa ukuba le Ntlanganiso ngobuxhakaxhaka be-intanethi iza kuqhutywa phantsi kweMithetho esiSigxina ehlonyelweyo.

Umthetho wama-49(1) kwiMithetho esiSigxina ubalula ngolu hlobo –

> "ubuncinane sisinye kwisithathu sawo onke amalungu eNdlu yoWiso-mthetho xa ephelele ekufuneka abekho

ukuze ihlale intlanganiso epheleleyo yeNdlu yoWiso-mthetho."

Umthetho wama-49(2) woleka ngelithi –

(a) kufuneka kubekho isininzi samalungu eNdlu yoWiso-mthetho ngaphambi kokuba kuvotelwe uMthetho oyilwayo okanye isihlomelo kuMthetho oyilwayo;

(b) ubuncinane kufuneka kubekho isinye kwisithathu samalungu ewonke ngaphambi kokuba kuvotwe kuwo nawuphi na omnye umbuzo ophambi kwendlu yowiso-mthetho; kwanokuba

(c) izigqibo zithatyathwa ngokwesininzi seevoti kuyo yonke imibuzo.

Imithetho esisigxina ilichaza ngolu hlobo igama elithi "ukuba kho":

> **"ukuba kho"** ngokunxulumene neendibano okanye iintlanganiso ezenziwa ngobuxhakaxhaka be-intanethi, kuxelwa ukuzimasa kwelungu intlanganiso okanye indibano ebanjwe ngobuxhakaxhaka be-intanethi ngendlela elivumelayo ilungu elo ukuba libe yinxalenye yaye lithabathe inxaxheba kwintlanganiso okanye kwindibano leyo;

Ukuvota kombutho

Umthetho wama-288(4) weMithetho ubalula ngelithi –

> "Umhlali-ngaphambili okanye usihlalo kufuneka athi ngaphambi kokuba iqale okanye xa iqalayo ingxoxo ngomba oshukuxwayo awaxelele ngokucacileyo amalungu xa umba lowo uza kuvotelwa yimibutho."

Ngokungqinelana noku kukhankanywe apha ngasentla, ndiqinisekisa –

1. Ingxoxo nokuvotela **uMthetho oyilwayo wohlenga-hlengiso lohlahlo-lwabiwo mali lwaKwaZulu-Natala wonyaka wama-2021/22**.

Ivoti yombutho yivoti eyintlanganisela yawo onke amalungu ombutho akhoyo kule ntlanganiso ebanjwe ngobuxhakaxhaka be-intanethi, ukuya kuthi ga kwinani lamalungu ombutho azimase intlanganiso lilonke.

Noxa kunjalo, xa kukho ilungu elinqwenela ukuvota nxamnye nombutho walo okanye elifuna ukuzikhwebula kwivoti, ndiza kulinika ithuba lokwenjenjalo.

3.2 IZINGXENGXEZO

To be inserted

3.3 ABAZALWAYO

Ndinqwenelela la malungu alandelayo aza kubhiyozela imihla yawo yokuzalwa kwezi ntsuku zizayo ukuba ayonwabele imihla yawo yokuzalwa:

Obekekileyo S A Duma	: 13 kweyoMnga
Obekekileyo M C Frazer	: 25 kweyoMnga
Obekekileyo S E Manqele	: 25 kweyoMnga

Ndininqwenelela ubomi obuyokozela ngamathamsanqa.

4. IZIBHENGEZO OKANYE IINGXELO EZENZIWA YINKULUMBUSO (Yinto yesine edweliswe kuLuhlu lweNkqubo)

Ixesha lokokuba iNkulumbuso yenze izibhengezo

5. IZIPHAKAMISO NEZIBHENGEZO EZISESIKWENI EZENZIWA NGUMBHEXESHI OYINTLOKO (Yinto yesihlanu edweliswe kuLuhlu lweNkqubo)

6. INKQUBO YOSUKU (Yinto yesithandathu edweliswe kuLuhlu lweNkqubo)

6.1 Ingxoxo nokuvotela uMthetho oyilwayo wohlenga-hlengiso lohlahlo-lwabiwo mali lwaKwaZulu-Natala, 2021/22;

6.2 Ukufundwa okokuqala koMthetho oyilwayo weRhafu yokuNgcakaza waseKZN, 2021 ufundwa nguMphathiswa wePhondo wezeMali kwakunye neengxelo ezinikwa yimibutho malunga nalo Mthetho uyilwayo; kunye

6.3 Nemiyalezo yeminqweno emihle ngexesha leziyolo eza kwenziwa ziinkokheli zale mibutho ilandelayo:

- ATM (imizuzu emithathu)
- ACDP (imizuzu emithathu)
- NFP (imizuzu emithathu)
- MF (imizuzu emithathu)
- EFF (imizuzu emithathu)
- DA (imizuzu emithathu)
- IFP (imizuzu emithathu)
- ANC (imizuzu emithathu)

∞ ∞∞ ∞